STELLENBOSCH
STELLENBOSCH • PNIEL • FRANSCHHOEK

MUNICIPALITY • UMASIPALA • MUNISIPALITEIT

# UKUSEKWA KWE DATABASE YABASEBENZI

Inkqubo yemisebenzi yoluntu eyandisiweyo(iEPWP) yenye yenkqubo ezininzi ezibonelelwe ngurhulumente wase ntshonakoloni kunye neSebe leMisebenzi kaRhulumente WeSizwe. I-EPWP ijolise ekuboneleleni ngemisebenzi yethutyana kwabo bangasebenziyo ukuze benze imisebenzi eluncedo eluntwini kwi-EPWP nokuthomalalisa intlupheko nentwela ngqesho eluntwni.

UMasipala waseStellenbosch ulihlakani kwinkqubo yeSizwe yeEPWP kwaye ke ngoko umema bonke abafuna umsebenzi, abanezakhono nabangenazakhono ukuba abahlala kwindawo kamasipala waseStellenbosch babhalise kuVimba weeNkcukacha zabafuna imisebenzi kaMasipala.

Banini boShishino baseStellenbosch sicela niqaphele eli thuba, ukuba unqwenela ukuhluza kwiqela labasebenzi abanezakhono nabangenabuchule, nceda ubhalise kuVimba weenkcukacha zabafuni msebenzi njengabaQeshi.

Uvimba weenkcukacha zabafuni bemisebenzi liza kuqala ukusebenza ngomhla woku-1 kuFebruwari 2022.

**Ijonge ukwenza ntoni i-EPWP?**

- Ukusondesa abangasebenziyo kwindawo yokusebenza yethutyana
- Ukunika abangaphangeliyo izakhono namava omsebenzi
- Ukwandisa amathuba oluntu wengqesho kwixesha elizayo kunye / okanye ukuvuselela 'umoya woluntu woshishino'

**Ngobani abafanelekileyo ukuba basebenze kwiiprojekthi ze-EPWP?**

- Ngabantu abangaphangeliyo
- Ngabantu abangenazakhono
- Ngabasetyhini
- ulutsha (18 – 35)
- Ngabantu abakhubazekileyo
- Ngamadoda amadala

**Zininzi iindlela zokubhalisa**

1. Nge-App yabafuni beMisebenzi (VOIS MGOV) ifumaneka ku-Google Play Store
2. Ukuzihambela ngobuqu wamkelekile ukuba uzokuthatha ze uzethule izicelo kwa-127 Dorp street, eStellenbosch

**IiMfuno ngokuBanzi:**

- Isazisi saseMzantsi Afrika
- Ubungqina bedilesi
- Isivi
- ilayisenisi yokuqhuba kulowo unayo
- Ubungqina boMgangatho wemfundo ( kwabo bagqibileyo)
- Ubungqina besakhono esikhethekileyo (umchweli, umlayishi, umcibi, umzobi, umtywini wemibhobho yamanzi, umakhi, njalo njalo. Kwezo zigqityiweyo)

**QAPHELA: Abenzi-zicelo ababebhalise ngaphambili kwiziko ledatha elidala labangasebenziyo bacetyiswa ukuba baphinde babhalise ukususela ngomhla we-1 Februwari 2022.**

Ukufumana inkcukacha ezithe vetshe/okanye ulwazi olugqibeleleyo uyacelwa ukuba utsalele umnxeba kulenombolo ilandelayo:

Ms Thandeka Ndwalaza
Thandeka.ndwalaza@stellenbosch.gov.za
021 808 8020

Uphuhliso loQoqosho kunye noKhenketho
127 Dorp Street
Stellenbosch
7600